- IDP yango 2013/14 ibonakalise Ukulawulwa kwamanzi/izicwangciso zolondolozo kunye nokuqwalaselwa kwee projekthi kwakunye nokuqhubeka ukuqinisekisa ukuba izikhala ezikuhanjiso lwenkonzo, ukuphunyezwa kwezincwangciso njengokuba zifuneka kwi WSDP nje ngemiba ebalaseleyo;
- Izisongelo kwakunye nemiceli mngeni enqgamene ne Air Quality Management kunye nonciphiso olufanelekileyo yokungenelela zaqwalaselwa kwi IDP ka 2013/15 kwakunye nokuqulunkqwa kwe AQMP okuquka izincwangciso zokuphucula umgangatho womoya kuhlaziyo lweIDP ka 2014/15.


### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze lenkqubela ilandelayo ukuzama ukulungisa iziphumo zovavanyo zeminyaka emihlanu (5) yeIDP eyaphuhliswa ngonyaka-mali ka 2012/13:

- UMasipala wacelwa okokuba aqulunkqe iCMP. Ngexesha lohlaziyo lweIDP yango 2013/14 no 2014/15 wachaphazela into yokuba kungakuhle ukuba iCMP yenziwe ngokubambisana noMasipala weSithili saseOverberg. Ngethuba lohlaziyo lweIDP ngo 2014/15, kwakhona uMasipala wayichaphazela into yokuba kwane Coastal Management Line, kufuneka unxulunyaniswe nokuqulunkqwa ngokufanayo neCMP kwaye kwenziwe oko kujongwe iSithili saseOverberg ngokubanzi. Oku kukhankanywe ngentla kuyinxalenye yenkqubo yokuphuhliswa lisebe le-DEADP kwakunye noMasipala Wesithili saseOverberg ngokubambisana. District Coastal Management Plan (DCMP) ikwasebenza njenge Local CMP kwaye kufuneka ihlaziye yiDEADP ukuqinisekisa ukuba inonxibelelwano neNational CMP neProvincial CMP. Inkqubo yokuqibezela idraft yeCMP isaqhuba kwaye emva koko izakuqhithisela kwiBhunga likaMasipala ukuze iphunyezwe njengokuba kuchaziwe kwingxelo yovavanyo yango 2016/17.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala wase Overstrand uyithobele imiqathango kaSection 26 weMSA kuvavanyo luka 2017/17. Kuhlalutyo lwe IDP lwango 2013/14, uMasipala wase Overstrand uzilungisile iziphumo zovavanyo ebelingokuphiswa kwe IWMP, wazama ukudala amathuba okunxibelelanisa iiplans zeectors ezahlukene waze waphinda wazilungelanisa nebhajethi kwaye neWater Demand Management Strategies zicacisiwe ngokupheleleyo. Ngaphezi koko, imiba emayelana ne nokulawula umgangatho womoya isonjululwe kuhlaziyo lwango 2014/15. UMasipala kufuneka ayithathele inqgwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.



UMFANEKISO 3: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseOverstrand

Phakathi kweziphumo ezininzi, sinye kuphela esingekasonjululwa ngokupheleleyo kuba uMasipala usalindele kuqgityezelwe iCMP yoMasipala Wesithili saseOverberg ezabe isebenza ngokufanayo nayo. UMasipala wafumana ukunconywa kakhulu ngenqubele oseywenzile ngokusombulula iziphumo zovavanyo. UMasipala kufuneka uyithathele inqgwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga

neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikulaziyo lweIDP (2013/14-2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.

# Masipala wase Theewaterskloof

## Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanye ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyenwa ngexesha lohlaziyo lwe 3<sup>rd</sup> Generation:

- Masipala aqinisekise ukuba izindlu ezizakwakiwa zikumgangatho ophezulu njengokuba kuchaziwe kwiIDP kwaye kunqinelana neDepartmental Business Plan, kwaze oku kwachazwa kuhlaziyo lweIDP nakulwabiwo-mali yonyaka-mali lwango 2013/14;
- Uhhlaziyo lweIDP lwango 2013/14 ilubonakalisile unxibelelwano uludalwe phakathi kwe sector plans ezahlukeneyo, kwaye waphinda wabonisa iinjongo zokudala ngakumbi olunye unxibelelwano phakathi kwee sector plans, strategic objectives, actions, resource requirements kuquka nebhajethi.
- UMasipala ukwazile ukuphucula umgangatho weemaps zendawo ezibonakalisa iimfuno zophuhliso kunye ne notyalo lwezimali lukaMasipala kuhlaziyo lweIDP lwango 2013/14;
- UMasipala weSithili saseOverberg nguye ojongene nolawulo lococeko lomoya (umgangatho wongcoliseko lomoya) kuMasipala. IDP icacisa ngokubanzi ngezisongelo kunye nemicelimngeni ngokuphathelene kwi Air Quality Management kunye nendlela eyiyo yokungenelela kunciphiso lwazo. UMasipala usebenza ngokubambisana noMasipala Wesithili saseOverberg ngujongana nolawulo lomgangatho wokucoceka komoya kummandla wolawulo lwabo njengokuba kuchaziwe kuhlaziyo lwe IDP lwango 2014/15;
- UMasipala wacetyiswa okokuba achonge amanyathelo athile, iiprojekthi kwakunye neenkqubo ukujongana nemiba yezentlalo eyavela kwi Socio-Economic Status Qou Report, kwaye eziziphumo zasonjululwa kuhlaziyo lweIDP lwango 2014/15;
- UMasipala waqinisekisa ukuba iSDF entsha eyahlaziywa njengenxalenye yeBuilt Environment Support Programme yaze yatyikitywa liBhungu likaMasipala iyabandakanywa kwiIDP kwaye iba yinxalenye yohlaziyo lweIDP lwango 2014/15.

## Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze lenkqubela ilandelayo ukuzama ukulungisa iziphumo zovavanyo zeminyaka emihlanu (5) yeIDP eyaphuhliswa ngonyaka-mali ka 2012/13:

- UMasipala wacetyiswa okokuba abeke phambili ukubandakanywa kweIWMP kwiIDP kwakunye nokuphunyenwa nokusebenza kwayo ngokusemthethweni. Uvavanyo lwe IDP lwango 2013/14 lubonisa ukuba iIWMP yatyikitywa iBhunga ngokusemthethweni. Ngexesh lohlaziyo lwango 2014/15, ingxelo ibonisa ukuba iIWMP eyatyikitywa ngokusemthethweni, yavavanywa yiDEADP kwaye yayikwimeko yokuba iphononongwe ngokwengcebiso zeDEADP, ze yiphinde yathiwa thaca kwakhona iphunyezwe. Ingxelo yovavanyo lwango 2015/16 no 2016/17 ichaza ukuba i 2<sup>nd</sup> Generation yeIDP IWMP zange ikwazi ukuhlangabezana nemiqathango ebekiweyo yeNEWA: WA yiyo lonto ingazange iphunyenwe nguMphathiswa weSebe looRhulumente bezaseMakhaya. Nangona inkqubela phambili yenziwe ngokuzama ukuyiphumeza ngokwengcebiso, kodwa ke iziphumo aziphunyezwa ngokupheleleyo.

## Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa konke konke


UMasipala khangwenze nkqubela phambili ukuqinisekisa ukuba eziziphumo zovavanyo zilandelayo zifumana ukuqwalaselwa:

- IDP kufineka ibokakalise ukuba zeziphi izicwangciso zolondolozo lwamanzi/zokulawulwa kwamanzi kwakunye neeprojekthi ezisacetywayo malunga neWSDP. UMasipala wacetyiswa ukuba wamkele kwaye uphumeze iWSDP. Uvavanyo lwango 2014/15 lubonisa ukuba inxaso-mali yokuqulunkqa iWater Resource Plan iyafumaneka. Kwakhona iIDP yango 2015/16 iyiqaphele into yokuba uMasipala ubusazama ukufumana inxaso-mali yokuqulunkqa iWater Resource Plan. Emva kobuba ekuchazile oku, uye wacetyiswa okokuba kwi 4<sup>th</sup> Generation yeIDP aze ancede achaze okokuba kumaxa undawoni malunga nokuphumeza iWSDP.

## Ushwankathelo lweZiphumo

IDP yoMasipala wase Theewaterskloof uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. UMasipala ukuqinisekise ukuba izindlu ezizakwakiwa zisemgangathweni njengokuba kuchaziwe kwiIDP kwaye oku kunqinelana neDepartmental Business Plan, ulubonakalisile unxibelelwano nolungelwaniso phakathi kwe sector plans kwakunye nogangatho ophucukuleyo iimaps zeendawo zenziwa inxalenye yohlaziyo lweIDP lwango 2013/14. Ngaphezu koko, uMasipala ebambisene nowe Sithili bakwazile ukulungisa umba umgangatho wokucoceka komoya, iiprojekthi kwakunye neenkqubo ezizakujongana nemiba yezentlalo zophuhliso kwakunye nohlaziyo lweSDF lwabandakanywa kuhlaziyo lweIDP yango 2014/15.

## UMASIPALA WASE THEEWATERSKLOOF



IFIGA 4: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala Wase Theewaterskloof

UMasipala ukhuthaziwe ukuba aphuhlise iIWMP ngokwimiqathango yeNEMA: WA kwaye kufuneka ziphunyezwe nguMphathiswa woRhulumente bezaseKhaya wePhondo. Umasipala kufuneka abeke phambili ukuqulunkqwa kweWSDP. Ngaphezu koko, kufuneka uthathe inqgwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14-2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.

# Masipala waseCape Agulhas

## Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3rd Generation:

- IDP iqinisekise ngokunikezelwa kwamanzi ngokwemiqathango yeMfuno zeNkonzo zaManzi kwaye yabonisa nangakumbi ngamanqanaba eenkonzo zamanzi ezifumanekayo kuMasipala ngexesha lohlaziyo lweIDP lwango 2013/14;
- Ngexesha lohlaziyo lweIDP lwango 2014/14, uMasipala uqinisekise ukuba ukubaluleka kwembali kwicandelo leZolimo kulommandla luyaqatshelwa ngokuthi lubanakanye ukuze liphunyenze ngokusebenzisa iLED. Ngaphezu koku, uMasipala ubandakanye uninzi lwee sectors ezithembisayo kwezoqoqosho kwakunye nolwakhiwo lwezindlu olucetywayo kuhlahlo lwabiwo-mali ngexesha lohlaziyo lwango 2013/14.
- Masipala ubonakalisile ukuba uyiqukqo idraft AQMP yaze yaphunyezwa liBhunga ngokusethethweni kuhlaziyo lweIDP yango 2014/15 kwaye ngoku inkwinqanaba lokuba mayisebenze ngokusemthethweni. Igosa lika Masipala elijongene nomgangatho wokucoceka komoya lityunjiwe, njengexalenye yokusebenza ngokusemthethweni kweAQMP, uMasipala uphinde waqulunqqa i-air quality by-law kwaye ichaziwe ngexesha lenkqubo yohlaziyo lweIDP yango 2015/16.
- UMasipala akabandakanyanga nayiphi na ingcaciso engqinelana nendlela isiSicwangciso seMali esijongene ngayo nokuqokelelwa kwemali kwakunye nenkcitho. UMasipala ukwazile ukubandakanya izinto ezibalulekileyo kwiSicwangciso soLawulo lwezeMali kwi IDP kwisahluko sezolawulo lwezemali njengokuba ichaziwe kuhlaziyo lweIDP yango 2015/16 ukuba uCwangciso lweZemali lwexesha elide luzaqosheliswa ekupheleni kuka April 2015. Ingxelo yovavanyo yona ka 2016/17 ibonisa ukuba uCwangciso lweZemali lwexesha elide luqoshelisiwe kwaye emva koko lwatyikitywa ngokumthethweni liBhunga lika Masipala.

## Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze lenkqubela ilandelayo ukuzama ukulungisa iziphumo zovavanyo zeminyaka emihlanu (5) yeIDP eyaphuhliswa ngonyaka-mali ka 2012/13:


- UMasipala wacetyiswa ukuba mahlaziye iSDF. Ngexesha lohlaziyo lwango 2015/16 lwe IDP uMasipala ubonakalisile ukuba iSDF iphantsi kwenkqubo yokuqgityezelwa ze emva koko izakuthiwa theca phambi kweBhunga ukuze ityikitywe ngokusemthethweni. Uhlaziyo lwe IDP lwango 2015/16 lubonisile ukuba ukulungiswa kwe SDF kuzakuqwalaselwa kube yinxalenye yohlhlo lwabiwo-mali ka 2016/17, uvavanyo luka 2016/17 lubonisa ukuba uMasipala uyayicaphula into yokulungiswa kweSDF (2010) kwaye kwakufuneka ilungisiwe (SDF yatyikitywa ngokusemthethweni liBhunga nge 26 June 2014). UMasipala wacetyiswa ukuba ukuphunyezwa kweSDF (2014) malukhankanywe rhoqo kwiIDP iphela. Kodwa ke esisiphumo sovavanyo asiphunyezwa ngokupheleleyo.
- UMasipala wacetyiswa okokuba azame kangangoko ukulungisa konke ngokuphathelene neIWMP. Ingxelo yango 2014/15 ibonisa ukuba iIWMP yatyikitywa ngokusemthethweni, kodwa izicwangciso zayo kufuneka khe ziphononongwe ukwenzela ukuba zinqinelane neengcebiso zeDEADP. Unkqubo yohlaziyo ka 2015/16 uMasipala wayichaza kwi draft 2<sup>nd</sup> Generation ukuba iIWMP yenziwa yiDirectorate Waste Management ze kwaniwa uthuba lokunikezwa kwezimvo nokuphunyezwa kwayo nguMasipala. Uvavanyo lwango 2016/17 lubonisa ukuba i 2<sup>nd</sup> Generation IWMP yaqgithiselwa kuMphathiswa Wesebe looRhulunte BaseMakhaya okokuba anikeze inqiniseko yokuba ingatyikitywa ibe ngumthetho; nangona kunjalo, ayikwazanga ukuhlangabezana nawo onke amanqanaba ebekiweyo eNEMWA. Isebe linikezele ngengxelo kwakunye neengcebiso ezabangela okokuba ilungiswe phambi kokuba iphunyezwe nguMphathiswa ooRhulumente baseMakhaya.
- UMasipala wacetyiswa ukuba uqulunqqa iCMP. Uhlaziyo lwango 2014/15 nolulandela olo ngo 2015/16 lubonisa ukuba iCMP yoMasipala Wesithili saseOverberg izakuba kwinqababa ledraft ngoJune 2016. Ingxelo yovavanyo ibonisa ukuba iCMP yoMasipala Wesithili ikwasebenza okanye isetyenziswa nagomasipala boorhumente basemakhaya kwaye kufuneka ihlaziyiwe yiDEADP ukuqinisekisa ulungelwaniso phakathi kweNCMP kunye nePCMP. CMP yoMasipala Wesithili iphantsi kwenkqubo yokuqosheliswa phambi kokuba iphunyezwe liBhunga.

## Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala waseCape Agulhas uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. Masipala ukwazile ukuphumeza iziphumo zovavanyo ezimayela nokuphucula umgangatho wamanzi ngokwemiqathango yezamanzi, ukubandakanywa koncedo oluphunyezweyo lweLED nguMasipala, ukuqeshwa kwegosa elijongene ne Air Quality Management, ukuqulunqqa kweAQMP kwakunye nokuphunyezwa kweSicwangciso sezeMali.



## MASIPALA WASE CAPE AGULHAS



UMFANEKISO 5: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseCape Agulhas

UMasipala kufuneka eyicaphule into yokuphunezwa kwe SDF kwiIDP, uqaphele okanye qwalasele izimvo ezimalunga neIWMP kunye nokuthatha inxaxheba ekuqulunkweni kweCMP yoMasipala Wesithili ize isetyenziswe nangoomasipala boorhulemente basemakhaya. Ngaphezu koko, kufuneka uthathe inqwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14-2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.

## Masipala waseSwellendam

### Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3rd Generation IDP:

- Uhlaziyo lwango 2013/14 nelango 2015/16 lubonise ukuba AQMP yayiphantsi kwenkqubo yokuqulunqwa kwaye kwakujongwe okokuba iqgitywe ngo 2015. Ingxelo yovavanyo yango 2016/17 ibonise ukuba AQMP yoMasipala waseSwellendam yaphunyezwa liBhunga yaze emva koko yasebenze ngokusemthethweni.
- Uhlaziyo lweIDP lwango 2013/14 lubonakalise unxibelelwano phakathi kwee sectors plan ezahlukeneyo yaze yabonisa ngakumbi olunye unxibelelwano phakathi kwee sector plans, strategies and objectives, resource requirements kuquka nohlahlo lwabiwo-mali.
- Uhlaziyo lwe IDP ka 2014/15 belujoliswe kakhulu ekomelezeni isahluko esinge LED kwaye ichonge iinkqubo kunye neeprojekthi ezikhuthaza ukukhula kwezoqoqosho kuMasipala uphela. Ngaphezu koko, iIDP ikwazile ukusombulula imiba malunga nemiceli mingeni emalunga nokuhlaliswa koluntu kwakunye nokwiqwalasela okokuba ikangakanani na imfuneko yezindlu kwaye oku kubandakanya ukucetywa kwezindlu ze kube yinxalenye yeIDP.
- Kuhlaziyo lwango 2014/15 lweIDP, uMasipala ucaphule ukuba iSDF yayiphantsi kokuhlaziya. Yayiqondwa into yokuba iSDF yaphunyezwa ngokusemthethweni emva kokuqulunqwa kwedraft yayo kwiIDP ka 2015/16. Ingecebiso zenziwa zokuba njengokuba iSDF ilelona candela libaluleke kakhulu kwi IDP, kuyanyanzeleka ukuba uMasipala abandakanye kwiIDP iSDF enenguqu zakutshanje. Ingxelo yovavanyo ka 2016/17 ziyayicaphula into yokuba ibandakanyiwe iSDF eyatyikitywa ngokusemthethweni ngo 2015, ze waphinda wabonakalisa nonxibelelwano phakathi kweIDP kwakunye neSDF.
- UMasipala wacelwa okokuba aqulunqwe kwaye ityikitye ngokusemthethweni iDisaster Management Plan (DMP). Kwaye ke ezoziphumo zibonakele kwakho okokuba khange ziphunyezwe ngexesha lokuhlaziya kwe IDP lwango 2013/14 kwakunye nango 2014/15. Ngexesha lohlaziyo lweIDP lwango 2015/16 lweIDP lubonise ukuba inkqubo yokuqulunqwa iDisaster kwakunye neRisk Management zisaqhuba. Ingxelo yovavanyo yona ibonisa ukuba uMasipala waqhwyatylwa izandla ngokusombulula lombanda ukhankanywe ngentla.

### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa ngokupheleleyo nguMasipala


UMasipala wenze lenkqubela ilandelayo ukuzama ukulungisa iziphumo zovavanyo zeminyaka emihlanu (5) yeIDP eyaphuhlisa ngonyaka-mali ka 2012/13:

- Masipala wacetyiswa okokuba uphumeze iIWMP ephono nonongiweyo. IDP ehlaziyiweyo yango 2013/14 kwakunye nango 2015/16 ibonisa ukuba iIWMP yaqulunqwa kwaye kwakujongwe okokuba iqoshelise ngo 2015. Uvavanyo lwango 2016/17 lubonisa okokuba iDEADP yenza uvavanyo kwi 2<sup>nd</sup> Generation IWMP ukuncedisana noMasipala kwaye ikwinkqubo yokunikezela ngengxelo kuMasipala.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala waseSwellendam uyithobele imiqathango kaSection 26 weMSA. Njengokuba sithetha nje, iAQMP etyikityiwe liBhunga likaMasipala kwaye iyasebenza ngokusemthethweni. UMasipala ukwazile ukudala unxibelelwano phakathi kwe sectors plans ezahlukeneyo kwaye nesahluko esijongene neLED ukwazile ukusomeleza ngokuthi achonge iinkqubo kwakunye projekthi ezikhuthaza ukukhula kwezoqoqosho kuMasipala uphela. SDF nayo ibonisa unxibelelwano olululo phakathi kwayo neIDP kwaye uMasipala waqhwyatylwa izandla ngokuphumeza iDMP.

## MASIPALA WASE SWELLENDAM



UMFANEKISO 6: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseSwellendam

UMasipala kufuneka afake okanye aqithise iWMP ephononongiweyo kwiBhunga likaMasipala ukuze ityikitywe ngokusemthethweni, ukuze emva koko iqgithiselwe kwiDEADP. Ngaphezu koko, uMasipala kufuneka uthathe inqgwalasela imiqathango yeRegulationx 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14-2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.

## Masipala weSithili waseWest Coast District

### Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3rd Generation IDP:

IBhunga loMasipala weSithili saseWest Coast wayiphumeza iAWMP yaze emva koko yayinxalenye yohlaziyo lweIDP ka 2013/14.

- Uhlaziyo lwe IDP ka 2014/15 lubonisa ukuba iSDF eyatyikitywa liBhunga ngo 2007 yaphelwa lixesha, kwaye kwaphinda kwaqaphela okokuba ibiphantsi kohlaziyo yaze yaqgitywa ngo August 2013 kwaye novavanyo lukuchazile oku. Uvavanyo lwango 2016/17 lubonisa ukuba iSDF yakutshanje yaphunyezwa liBhunga ngo August 2014. Ngexesha kuqulunqwa iIDP yeminyaka emihlanu, uMasipala ebengekayityikityi ngokusemthethweni iSDF kwaye kwakhankanywa kwi 2007 SDF. Emva koko, iSDF entsha yaphunyezwa liBhunga aze yaba yinxalenye kwaye oku kwachazwa ngokubanzi kuhlaziyo lweIDP lwango 2016/17 lakutsha nje. Ukubambisana nokunxulunyaniswa kwe SDF yoMasipala Wesithili neSDF kwakunye neIDP bubunqina bokuba zibhalwe kakuhle ngokwemibono yazo, iinjongo ezicwangcisiweyo kunye neenjongo zophuhliso lwendawo. Iimaps ziyaqhubeka zibonise ngokucacileyo ngamanyathelo ezokhenketho neprojekthi ezinkulu ze-Infrastructure zeSithili ngokuphelele.
- Ingxelo yovavanyo yango 2014/15 ichaza okokuba iCMP zange yenziwe iphangalale kwaye zange ibonise izinto ebezilindelekile, iiprojekthi nendlela ezithile ezinika uluntu amandla wokuba likwazi ukujongane nemiba ezilunqongileyo. Uhlaziyo lwango 2015/16 lubonise ukuba nangona iCMP iphunyeziwe liBhunga, iyakuba kuphela yimiba enxulumene noku phunyezwa ukuba ibhajethi iyafumaneka. UMasipala wayiphumeza ngokusemthethweni iCMP ukuze kuphunyezwe izicwangciso ezahlukeneyo kunye neprojekthi ezicetywayo njengokuba ibhajethi ikuvumela oko kuhlaziyo lweIDP lwango 2016/17


### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa konke konke

UMasipala khangwenze nqubela phambili ukuqinisekisa ukuba eziziphumo zovavanyo zilandelayo zifumana ukuqwalaselwa:

- Uhlaziyo lweIDP lwango 2013/14 lucaphula ukuba uMasipala wayiqgithisa kwiSebe likaZwelonke lweZamanzi i2<sup>nd</sup> Generation yeIWMP. Uncwangciso lwayo lwavavanywa kwaze kwanikezwa nengxelo kuMasipala. ELisebe likaZwelonke leZamanzi lacaphula ukuba lisalinde uMasipala athumele ubunqina bokuba iIWMP yaphunyezwa liBhunga. Eziziphumo zaphinda zakhankanywa kuvavanyo olwenziwa ngo 2014/15. Kwinkqubo yovavanyo yango 2015/16 yaqapheleka into yokuba uMasipala Wesithili wayiqgithisa 2<sup>nd</sup> Generation IWMP kwi Directorate: Waste Management (D: WM) ngenjongo yokuba iphononongwe kwaye nengxelo yanikezelwa emva koko. IWMP zange ikwazi ukuhlangabezana nemimiselo zomxholo we Waste Act, ngoko ke D: WM zange iluphumeze oluncwangciso. D: WM isalindele Isiqgibo seBhunga likaMasipala ngokumayelana nokuphunyezwa kwe 2<sup>nd</sup> Generation yeIWMP. Uvavanyo lwango 2016/17 ibonisa ukuba 2<sup>nd</sup> Generation IWMP ayikaphunyezwa liBhunga kwaye ayibandakanywanga kuhlaziyo lwedraft IDP yoMasipala Wesithili, oko ke kubonisa ukuba oku ukusombululwanga nguMasipala.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala waseWest Coast uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. UMasipala ukwazile ukuyiphumeza iAQMP ngo 2013/14. Uvavanyo lwango 2016/17 luchaphule ukuba iSDF ibonise unxibelelwano neIDP kwaye uMasipala uyiphumezile iAQMP. Ngaphezu koko, uMasipala kufuneka uthathe inqwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14-2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.





# Masipala waseMatzikama

## Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3rd Generation IDP:

- Uvavanyo lwango 2013/14 lubonise okoku iSDF yangaphambili yaphunyezwa liBhunga ngokwemigaqo yeMSA ngo 2010. Kananjalo, yaqondakala into yokuba izinto ezifanelekile ezifana nokuhlaziya kweSDF nasekuqgityweni nkweBESP emva komjikelo wesigaba sesithathu (3) senkqubo yesibini (2) ze zithiwe thaca malunga ngesithuba se 28 May 2013. Uvavanyo lwango 2014/15 lubonise ukuba iSDF yaphunyezwa okwethutyana ngokwe Section 17 weMunicipal Systems Act, Act 32 yango 2000. UMasipala waphakamisa waze wongezelela ezinye iimaps okokuba zibe yinxalenye yeSDF ephunyezwa liBhunga. Yayilindelekile into yokuba iMSDF maps ezongezelelweyo zakube ziqgityiwe phambi kokuphela kuka April 2014. Uhlaziyo lweIDP lwango 2015/16 lubonisa ukuba iSDF yakutsha nje yaphunyezwa liBhunga ngo June 2014.

## Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze lenkqubela ilandelayo ukuzama ukulungisa iziphumo zovavanyo zeminyaka emihlanu (5) yeIDP eyaphuhlisa ngonyaka-mali ka 2012/13:

- Uvavanyo lwango 2014/15 lubonise ukuba iBhunga likaMasipala lwayiphumeza AQMP ngo2012. AQMP yahlangabezana nemiqathango ebekwe yiNEM: AQA. Nangona kunjalo, Air Quality Management zange yahlaziya ngokupheleleyo kwiIDP. Uvavanyo lwango 2016/17 lubonisa ukuba nangona kucatshulwe malunga neAQMP kwiIDP kaMasipala, kodwa ayikwazanga kuqulunkqa umxholo ngokupheleleyo okanye njengokuba idwelisiwe kuSection 16 weNEM: AQA kwaye akukho zinyanzeliso ngoko hlahlo lwabiwo-mali ngokuphathiselene nezinto emazeniwe ezinxulumene ne Air Quality Management kwiIDP. UMasipala ucetyiswe ukuba ubeke phambili ukuqulunkqwa kweAQMP kwi 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.

## Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa konke konke


UMasipala khangwenze nkqubela phambili ukuqinisekisa ukuba eziziphumo zovavanyo zilandelayo zifumana ukuqwalaselwa:

- Masipala wacelwa okokuba aqulunkqe iCMP. KwiIDP yango 2013/14 ibonakele into yokuba uMasipala akawuqulunkqanga lomthetho ukuthaza uPhuhliso lwezaManxweme. UMasipala uyikhankanyile into yokuba lomthetho uzakuqulunkqwa ngaxeshanye neCMP ekufuneka nayo iphunyeziwe nguMasipala. Uvavanyo luka 2015/16 lubonise ukuba uMasipala akanayo konke konke iCMP ephunyeziweyo ngokusemthethweni kwaye akanazo neCoastal Planning Schemes eziphunyeziweyo. Uvavanyo lwango 2016/17 libonise ukuba uMasipala waseMatzikama akakwazanga nokusebenzisa iWest Coast Management Programme ukuvala isikhewu sokuba engekayiqulunkqi eyakhe kwaye akenzanga neziphakamiso ezibonakalisa okokuba ufuna ukwenza oku kwiIDP.
- UMasipala wacetyiswa okokuba makaqinisekise okokuba azayiqulunkqa iIWMP. Uvavanyo lweIDP lwango 2014/15 lubonisa ukuba 2<sup>nd</sup> IWMP udluliselwa kwi DEADP ukuze iphononongwe; nangona kunjalo yaqgithiswa njengenxalenye yeIDP. Kwakungekho nento echazayo kwiIDP ebonisa okokuba iIWMP yaphunyezwa liBhunga. Uvavanyo lwango 2014/15 lubonisa okokuba iIWMP yaphononongwa kwaye uMasipala wacelwa ukuba enze izilungiso ngokubhekiselene kulomba, ngoko ke iIWMP yaphunyezwa okwexeshana. Ngo 2015/16 ukuyakuthi xhaxhe ngo 2016/17 yaqatshelwa into yokuba 2<sup>nd</sup> IWMP ayizange iyilandele imimiselo yeNEMWA kungoko ke ingazange iphunyezwe nguMphathiswa weSebe looRhulumente bezaseMakhaya. Waste Management yanikezela ngengxelo yovavanyo kuMasipala emalunga neIWMP.

## Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala waseMatzikama uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. Masipala ukwazile ukuyiphumeza iSDF ngexesha lohlaziyo lwango 2015/16. Nangona kunjalo, uMasipala kufuneka usebenze kakhulu ngokuphathelene kwiAQMP kwakunye nokujonga iziphumo ezingaphunyezwa konke konke ezinqamene neCMP kunye neIWMP. UMasipala ukhuthaziwe okokuba ubeke phambili ukuphunyezwa kweengcebiso zokuqulunkqwa kwi 4<sup>th</sup> Generation yeIDP. Ngaphezu koko, uMasipala kufuneka uthathe inqwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14-2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.

## MASIPALA WASE MATZIKAMA



UMFANEKISO 8: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseMatsikama

## Masipala waseCederberg

### Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze inqginiseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyenwa ngexesha lohlaziyo lwe 3rd Generation IDP:

- Ngonyaka-mali ka 2013/14 uMasipala waseCederberg akazange ayiphumeze iIDP ngokwexesha elibekiweyo ngokusemthethweni, kodwa lonto wayisombulula ngexesha lohlaziyo kwangelixesha lonyaka-mali.
- Uhlaziyo lweIDP lango 2013/14 yaqapheleka into yokuba iSDF yaphunyezwa liBhunga lika Masipala ngo June 2010. Ukuhlaziywa kweSDF kuphantsi kwesigaba sokuphononongwa kwaye iyingxenye yamaphulo eDepartment of Rural Development and Land Reform. Uhlazoyo lwango 2014/15 lubonise ukuba iSDF iyakuqgitywa ukuqulunkqwa ngo March 2014. Yaze emva koko yaphunyenwa liBhunga kwaye ibandakanyiwe kwidraft IDP ehlaziyiweyo kwaye ibonise ukuba zonke ingcebiso ezachazwa kwingxelo ye BESP zisombululwe.

### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze lenkqubela ilandelayo ukuzama ukulungisa iziphumo zovavanyo zeminyaka emihlanu (5) yeIDP eyaphuhlisa ngonyaka-mali ka 2012/13:

- Masipala wacetyiswa okokuba abeke phambili inkqubo yokuqulunkqwa kweAQMP kwaye makubekho igosa elimiselwayo elizakujongana neAir Quality Management. Uvavanyo lwango 2014/15 luchaza okuba uMasipala wayiphumeza idraft AQMP ngokusemthethweni kwaye yaphinda yenziwa okokuba ibe yibayinxale yeIDP. Ngo 2016/17 yaphawuleka into yokuba uMasipala wayiqulunkqwa idraft Aair Quality Management Plan (AQMP), eyabonakala okokuba isephantsi kwenkqubo yokuba iphunyezwe ngokusemthethweni liBhunga. UMasipala waseCederberg uhleli engenayo iAQMP ephunyeziweyo kodwa ukwazile ukuqesha iGosa elizakujongana nayo njengokuba kuchaziwe kuvavanyo lwango 2016/17.

### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa konke konke

UMasipala khange wenze nkqubela phambili ukuqinisekisa ukuba eziziphumo zovavanyo zilandelayo zifumana ukuqwalaselwa:


- Ngaphezulu kwako konke iIDP isilele ukubonakalisa unxibelelwano phakathi kweenjongo ezicwangcisiweyo zeBhunga, iisector plans zamacandelo anobudlelwane (ngakumbi kwiIDP), iimfuno zophuhliso oluphambili oluchongwe luluntu. Ukuzokuthi ga ngoku, inkcazelo ebilindelekile kwi Municipal Manager's foreword echaza ngendlela iIDP ezakunika ngayo ezimbono ngokwe LED, kwaye nendlela uMasipala azakunikeza ngayo amathuba ayizange ibe yeyona ikhankanywe ngokucacileyo. Uhlaziyo lwango 2014/15 labonisa ukuba nangona enaso iLEP Strategy, IDP ibonise okokuba eso strategy asizange saphunyezwa liBhunga. UMasipala usebenza ngokubambisana neDEDAT ukuhlaziya iLED Strategy kwaye uzakuthatha inxaxheba kwinkqubo yeParticipatory Appraisal ye Competitive Advantage (PACA). Ngovavanyo lwango 2014/15 yaphinda yaqatshelwa into yokuba iLED Strategy esaqulunqwa ngo 2010 zange saphunyenwa liBhunga. DEDAT uzame ngako konke ukuxhasa uMasipala ngenkqubo yePACA ngoNovember 2013 ukuze kuqulunkqwe iLED Strategy. Ngaphezu koko, ngexesha lohlaziyo lwango 2015/16 kubonakele into yokuba idraft IDP iyikhankanyile into yokuba iLED Strategy ayizange iphunyezwe kwaye uMasipala usebenza ngokubambisana neDEDAT ukuhlaziya oku ngokusebenzisa inkqubo yePACA. Masipala wacelwa okokuba kwinkqubo yovavanyo elandelayo ka 2016/17 achaze ngokucacileyo mayelana nomgama osowuhanjiwe ukusombulula umba weMunicipal LED Strategy. UMasipala wacetyiswa okokuba aze aqinisekise okokuba lombha uyaphunyenwa kwi 4<sup>th</sup> Generation IDP.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala waseCederberg uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. Ukusuka ngo 2013/14 – 2016/17 uMasipala waseCederberg ukwazile ukuyiphumeza iIDP ngokwexesha elibekiweyo elisemthethweni kwaye wakwazi ukubandakanya iSDF ephunyeziweyo. UMasipala uhleli engayiphumenzanga iAQMP kwaye kufuneka equlunqe iLED Strategy. Ngaphezu koko, uMasipala kufuneka uthathe inqgwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14-2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.



## MASIPALA WASE CEDERBERG



UMFANEKISO 9: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseCederberg

## Masipala waseBergrivier

### Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze inqginiseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3rd Generation IDP:

- Ukuhlaziya kwe Spatial Development Framework (SDF) kaMasipala kwakuyinxalenye yamaphulo eDepartment of Rural Development and Land Reform kwaye oku kukhatshwa ziziphakamiso ezenziwa liBhunga elingaphambili kwiSDF eyaphunyezwayo; kwaze emva koko iSDF yaba yinxalenye yeIDP eyaphunyezwa liBhunga. Iimap ezidityanisiweyo zikaMasipala eziquka konke zaba yinxalenye yeIDP kwaye yanikeza ngamaqgabantshintshi ngeprojekthi eziphambili (kuquka iiprojktthi zezezidlu) kwaye nokunxulunyaniswa kweIDP neSDF kwakuchazwe ngokucacileyo. SDF ehlaziyiweyo yaphunyezwa nge 26 Februry 2013 kwaye necandelo elalijongene nayo labandakanywa kwidraft IDP yango 2013/14.


### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze lenkqubela ilandelayo ukuzama ukulungisa iziphumo zovavanyo zeminyaka emihlanu (5) yeIDP eyaphuhliswa ngonyaka-mali ka 2012/13:

- Unxulumanisi phakathi kweITP yoMasipala waseBergrivier kunye neITP yoMasipala weSithile saseWest Coast kufuneka lwenziwe kwaye lonto kufuneka ibonakalisiwe kwiIDP. Ngohlaziyo lwango 2013/14 yaqatshelwa into yokuba, akukho nkqubela phambili seyenziwe, ngaphezu koko uMasipala wayichaphazela into yokuba izincwanciso zizakuqulunkqwa kwaye oku kuyakwenzeka kuphela xa inxaso-mali ifumaneka. Uhlaziyo lwango 2014/15 lwabonisa ukuba, ngokutsho kweDTPW iITP kaMasipala yaqulunkqwa Lisebe. UMasipala wacelwa okuba makaqhagamishelane neSebe malunga nolwazi olupheleleyo ngeITP. Esisiphumo simalungane ITP zange siphunyezwe ngokupheleleyo kwaye yakhankanywa into yokuba uMasipala ukwiphulo lokuyiqulunkqwa. Ngaphezu koko, uhlaziyo lwango 2015/16 luyichaphazela into yokuqulunkqwa nokuphunyezwa kweITP projekthi kwakunye nenkqubo yayo yebhajethi equka uqikelelo lwedleko zayo kwaye yachaza okokuba izakufumaneka nja inxaso-mali.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala waseBergrivier uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. UMasipala uyiphumezile iSDF kuhlaziyo lwe IDP lwango 2013/14 kwaye uMasipala bekufanele ubonakalise unxibelelwano phakathi kweITP yakhe kwakunye neITP yoMasipala Wesithili saseWest Coast. Ngaphezu koko, uMasipala kufuneka uthathe inqgwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengecebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14 - 2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.



UMFANEKISO 10: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseBergrivier

## Masipala waseSaldanha Bay

### Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3rd Generation IDP:

- Inxelo yovavanyo yango 2013/14 ibonisa ukuba iLED Strategy zange ihlaziye kwaye unxibelelwano lwayo kunye neIndustrial Development Zone (IDZ) lwalubuthathaka kakhulu. Kwakungekho nazinjongo zibonakalayo kuhlaziyo lweDraft IDP olunqamene nonxulumaniso lweIDZ kunye neLED Strategy. Uhlaziyo lweIDP lwango 2015/16 lubonisa ukuba ukhankanywa kweTerms of Reference lubonisa okuba uMasipala wayenenjongo zokutyumba inkampani ezimeleyo ukuze ijongane nokuqulunkqwa kweLED Strategy engaphelanga uJune 2015. Ngoko ke, umasipala wacetyiswa okokuba iLED Strategy ehlaziyiweyo ibe yinxalenye yohlaziyo lweIDP kaMasipala yango 2016/17. Inxelo yovavanyo yango 2016/17 ibonise okokuba inkqubo yokuhlaziya lweLED Strategy ayiphunyezwa ngokupheleleyo ngenxa yenkxaso-mali ekusalindeleke okokuba ifumanike kuNational Department of Co-operative Governance and Traditional Affairs.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala waseSaldanha Bay uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. UMasipala kufuneka uqulunkqwe kwaye uphumeze iLED Strategy. Ngaphezu koko, uMasipala kufuneka uthathe inqwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikhulaziyo lweIDP (2013/14 - 2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.



UMFANEKISO 11: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseSaldanha Bay

## Masipala waseSwartland

Kwakungekho zinkalo bekufuneka ziphuculwe nguMsipala kwi LGMTEC yango 2013/14. UMasipala kufuneka uthathe inqgwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikulaziyo lweIDP (2013/14 - 2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.

## Masipala weSithili saseEden

### Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3<sup>rd</sup> Generation IDP:

- Masipala kufuneka aqinise indima yakhe ngakuthi abeke iliso elibanzi/imigaqo okanye amanyathelo okukhusela nokugcina ugangatho wamanzi emilanjeni enkwinqondo elililo kwiSithili saseEden siphela, kwaye oku kwaphunyezwa kuhlaziyo lweIDP lwango 2013/14.


### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa konke konke

UMasipala khangela wenze nkqubela phambili ukuqinisekisa ukuba eziziphumo zovavanyo zilandelayo zifumana ukuqwalaselwa:

- SDF eyaphunyezwa ngo 2010 kufuneka ihlaziywe ukuze ibonakalise iinguqu kwicala lezoqoqosho kwaye ibonise unxulumaniso ngokufanayo neeSDFs zomasipala abakwisithili eziqulunqwe kutsha nje. Kuhlaziyo lwango 2013/14, umasipala wabonisa ukuba iSDF izakuhlaziywa; ngapha koko akukho nto icacileyo ebonakalisa okokuba uceba ukuyinxulumanisa nezomasipala abaphantsi kwesisithili. Ngohlaziyo lwango 2014/15 yaqapheleka into yokuba iSDF yeSithili yaphunyezwa liBhunga kwaye eyonanto yanika umndla yeyokuba yazilandela iiRegulation zeMSA kwaye yayinxulumene neSDF ngokwemfuno zakutsha nje. SDF yeSithili yayisele idlulelwe lixesha kuba yayiqulunqwe ngo 2009 yaze yaphunyezwa ngo 2010, emva koko iIDP yabonisa okokuba iSDF iphantsi kwenkqubo yokuhlaziywa. Uvavanyo lwango 2015/16 lubonisa ukuba iIDP iyayiqaphela into yokuba iSDF yeSithili udlulelwe lixesha. Yaye ikwakhankanya nento yokuba isithili sinenjongo zokuyihlaziywa ngokudibeneyo neDRDLR. Nangona kunjalo, iSDF ehlaziyweyo ayizange yakhankanywa konke konke kwiIDP. Uhlaziyo lwango 2016/17 lucebisa ukuba Eden SDF ihlaziywe kwaye iziphumo zokuhlaziywa kwayo zibandakanywe kwaye zibonakale kwiIDP kaMasipala.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala weSithili saseEden uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. UMasipala wamisela amanyathelo okukhusela kakunye nokugcina ugangatho wamanzi emilanjeni enkwinqondo elililo kwiSithili saseEden siphela. UMasipala kufuneka uthathe inqwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14 - 2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.



UMFANEKISO 12: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala Wesithili saseEden

## Masipala waseKannaland

### Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3<sup>rd</sup> Generation IDP:

- Kuhlaziyo lwango 2013/14 lweIDP yaqapheleka into yokuba uMasipala wenza inkqubela enkulu ngokuqinisekisa okokuba iSDF iqulunkqiwe. UMasipala watyumba iGosa elizimeleyo ekwenza oku ngokubambisana neDEADP kwaze oko kwaqinisekisa ukuphunyezwa kwe SDF yoMasipala nge 13 December 2013 liBhungo. Emva kokuba iphunyeziwe iSDF yaze yaba yinxalenye yeIDP kwaye yabonakaliswa ngokucacileyo njengokuba kuchaziwe kuSection 26 weMSA 32 ka 2000. SDF licandelo elibaluleke kakhulu kwi IDP kuba ibonisa ukuba utyalo-mali ngobuchule lwenzeka kwindawo ezifanelekileyo ukuncedisana namanye amaphulelo ophuhliso.

### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa ngokupheleleyo nguMasipala

UMasipala wenze lenkqubela ilandelayo ukuzama ukulungisa iziphumo zovavanyo zeminyaka emihlanu (5) yeIDP eyaphuhlisa ngonyaka-mali ka 2012/13:

- Masipala wase Kannaland wayiqulunkqa iAQMP, kodwa zange yaba yinxalenye yohlaziyo lweIDP lwango 2014/15. Uvavanyo lwango 2015/16 lwakhankanya into yokuba uMasipala kufuneka azame ngako konke ukuyiqigibezela iAQMP. UMasipala wacetyiswa okokuba uqeshe iGosa elizakujongana neAir Quality Management. Uvavanyo lwango 2016/17 lubonisa okokuba iAQMP yoMasipala wase Kannaland yaphunyezwa liBhunga kwaye ikwinkqubo yokuba isebenze ngosethethweni, kwakunye nokuqeshwa kweGosa le Air Quality Management kuphunyeziwe liBhunga. Lengcebiso ikhankanywe ngentla yaphunyezwa nguMasipala ngokupheleleyo.
- Izincwanciso zeStorm Water zange zibonakale konke konke kwiIDP kwaye uMasipala wacetyiswa okokuba abandakanye icandelo elizakujongana nalomceli mngeni kumasipala uphela. Esisiphumo sovavanyo zange sisombululeke kwaphela ngonyaka-mali ka 2013/14 kwaye nakuvavanyo olulandele olo. Nangona kunjalo, uvavanyo lwango 2016/17 lwayiqaphela into yokuba uMasipala uye wafuna ukufumana inkxaso kwiMunicipal Infrastructure Support Agency ekuqulunkqweni kwedraft Roads and Stormwater Master Plan. IDP yango 2016/17 yayibonakalisa into yokuba nangona uMasipala ezibophelele ekuqinisekiseni ukuba oku kuyenzeka, kufuneka efumene inkxaso ngokwezezi-mali ukuze akwazi ukuthenga izixhobo zokwenza lomsebenzi wokucoca istormwater drainage system.

### Iziphumo zovavanyo ezingaphunyezwa konke konke nguMasipala

The Municipality has not made any progress in ensuring that the following assessment finding is addressed:


UMasipala khangene nqubela phambili ukuqinisekisa ukuba eziziphumo zovavanyo zilandelayo zifumana ukuqwalaselwa:

- Masipala kufuneka uzame ukusombulu imiba ejongene nezamanzi, ukusuka kwi ziCwanciso seZophuhliso lweZamanzi ekufuneka ibonise ukuba uzakwenza njani ukuhlangabezana nelahleko yamanzi ekubonaka ukuba itshotsha entla sithetha nje. Uhlaziyo lwango 2013/14 kwakunye nolulandele emva olo lubonise ukuba uMasipala akanayo iMunicipal Infrastructure Plan emanyanisiweyo. Uvavanyo lwango 2016/17 lona lubonise ukuba uMasipala uzakuqalisa ngezicwanciso zenkqubo zokuqulunkqa iElectrical Master Plan kunye ne Intergrated Municipal infrastructure Plan kwisithuba sonyaka-mali ka 2016/17. Intergrated Infrastructure Plan izakuba luncedo ngokunikezela umkhomba ndlela ekusombululeni imiba engeZophuhliso esaSileleyo.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala wase kannaland uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. UMasipala uyibonakalise ngokwanelisayo iSDF kwiIDP yongo 2013/14. UMasipala kufuneka asebenze ngokuzimisela okukhulu kuba kuninzi ekufuneka kwenziwe malunga neAQMP kunye ne storm water planning kwaye kufuneka abeke phambili ukuqulunkqwa kwe Electricity Master Plan kwakunye ne Infrastructure Plan. Ngaphezu koko, uMasipala kufuneka uthathe inqwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14 - 2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunkqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.

## MASIPALA WASE KANNALAND



UMFANEKISO 13: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseKannaland

## Masipala waseHessequa

### Iziphumo zovavanyo eziphunyezwe ngokupheleleyo nguMasipala

Masipala wenze inqiniseko yokuba iziphumo zenkqubo yovavanyo lweIDP ezikhankanywe ngezantsi zonyaka ka 2012/13 ziyaphunyezwa ngexesha lohlaziyo lwe 3<sup>rd</sup> Generation IDP:

- IDP ehlaziyiweyo yango 2014/15 ibonise ukuba iSDF iqinisekise okokuba konke ekufuneka kwenziwe kwiminyaka emihlanu ye IDP iyacachulwa ngokwendawo zophuhliso kwaye ichaze nezincwangciso zophuhliso Zokuhlaliswa Koluntu lwexesha elizayo. SDF yaphunyezwa liBhunga nge 30 April 2013 kwaye izithobele iRegulation requirements zeMSA, yaze yalungelelwaniswa neProvincial Spatial Development Plan (PSDF).
- Ngexesha lohlaziyo lweIDP lwang 2013/14 kwacetyiswa okokuba, kufuneka kusetyenzwe ngokuzimisela okukhulu malunga nokuqgityezelwa kwe Air Quality Management Plan kwaye kuqinisekise okokuba igosa elijongene noku liyaqeshwa nguMasipala. Yaqwalaselwa into yokuba AQMP uzakuqgitywa kwangonyaka-mali ka 2013/14. AQMP yangeniswa njengenxalenye yohlaziyo lwe IDP yango 2013/14 yaze yaphunyezwa kuba umxholo wayo ubuhambisana nemimiselo ebekiweyo nguNEM: AQA, kwaye yaza yahlaziywa yiDEADP ukuqinisekisa oku ngo-2013. AQMP yaphunyezwa liBhunga likaMasipala ngo February 2014 ngengokuba ichaziwe kwingxelo yovavanyo yango 2014/16.

### Ushwankathelo lweZiphumo zovavanyo

IDP yoMasipala waseHessequa uyithobele imiqathango ka Section 26 weMSA. UMasipala wanconywa kakhulu ngokuyisombulula yomibini imiba emalunga nokuphunyezwa kwe SDF kwakunye ne nAQMP. UMasipala kufuneka uyithathele inqwalasela imiqathango yeRegulation 2 yeMSA emalunga neencukacha eziphambili zeIDP kwaye nanjengokuba kufuneka kwenzekile, ukusetyenziswa kwezikhokelo kwakunye neengcebiso ezongezelelweyo ezikuhlaziyo lweIDP (2013/14 - 2016/17) ezinokusetyenziswa ukuncedisana nokuqulunqwa kwe 4<sup>th</sup> Generation yeIDP.



UMFANEKISO 14: Uluhlu Lweziphumo Zovavanyo loMasipala waseHessequa



